**INkqubo yeSebe leMfundo laseGauteng/yeGDE yokuPhucula uLwimi kwiBanga R ihambelana neCAPS ngokupheleleyo.**

Isayikili nganye yeveki ezimbini zokufundisa yakhelwe kwibali eliziswa ngodlamko kubafundi ngenkqubo yemisebenzi ecetywe ngobunono neyomeleza ulwimi lwabo lomlomo nelitheresi esavelayo.

Le nkqubo ixhaswa zezi khomponenti zezixhobo zilandelayo:

- IsiKhokelo seeKhonsepthi esicacisa imigaqo yokufunda neyekharityhulam esekwe kuyo le nkqubo.
- IsiKhokelo seMisebenzi zekota nganye ezinamabali, ezineengoma, ezinemisebenzi yeklasi yonke kwakunye nemisebenzi yamaqela amancinci egxile kuLwimi ithatha imizuzu engama-50 yonke imihla.
- Ipekhi yezixhobo zokufunda nokufundisa zekota nganye eziquka iNcwadi eNkulu, iipapethi, imifanekiso eza kulandelelaniswa, imidlalo kunye neethempleyithi zesicwangciso ngasinye esimalunga nemisebenzi esekwe ebalini.

***The GDE Grade R Language Improvement Programme is fully CAPS-aligned.***

*Each two-week cycle of teaching is built around a story which is brought to life for the learners through a carefully designed programme of activities which strengthen their oral language and emergent literacy.*

*The programme is supported by the following resource components:*

- *A Concept Guide which sets out the educational and curriculum principles that underpin the programme design.*
- *Activity Guides for each term which provide stories, songs, whole class and small group activities for a daily 50-minute focus on Language.*
- *Resource packs for each term which include a Big Book, puppets, sequence pictures, games and templates for each story-based plan of activities.*

IsiKhokelo seMisebenzi IKota yesi-3 | Activity Guide Term 3

ULwimi | Language

# IsiKhokelo seMisebenzi
# Activity Guide

## IKota yesi-3 | Term 3

INkqubo yokuPhucula uLwimi kwiBanga R

Grade R Language Improvement Programme



IsiXhosa | English

GAUTENG PROVINCE
EDUCATION
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

GGT2030
GROWING GAUTENG TOGETHER

Activity Guide Term 3 Cover_XHOSA.indd 1
2021/11/29 10:03

IProjekthi yokuPhucula uLwimi neMathematika kwiBanga R lilinge elize ne**Gauteng Department of Education** kwakunye nomahlulelane walo osentloko, i**Gauteng Education Development Trust**.

Ukuphuhliswa nokuveliswa kwezi zixhobo zokuPhucula uLwimi kwiBanga R kwenzeke ngenxa yenkxasomali yesisa evela kwi**United States Agency for International Development** kunye ne**Zenex Foundation**.
IProjekthi yokuPhucula uLwimi neMathematika kwiBanga R iphantsi kolawulo lwe**JET Education Services** incedisana no**Wordworks** kwakunye ne**UCT's Schools Development Unit** njengabahlulelane kwezobugcisa.

**INkqubo yokuPhucula uLwimi kwiBanga R** iphuhliswe ngu**Wordworks**.
Iqumrhu elinguWordworks liqumrhu elingangenisi nzuzo loMzantsi Afrika, eligxile ekukhuliswenі kolwimi nelitheresi yabantwana abaselula kwiminyaka yokuqala esibhozo yobomi babo. Ukususela ngowama-2005, uWordworks uphuhlise iinkqubo kunye nezixhobo athe wabelana ngazo nabantu abadala abanako ukuba nefuthe ekuphuhliseni ulwimi nelitheresi yabantwana abaselula.

Olu hlelo lwezixhobo zolwimi luzuze lukhulu ekusebenzisaneni neSDU kwaye luye lwaphuculwa ngokuthi lunxulunyaniswe nezixhobo zeNkqubo yokuPhuculwa kweMathematika. Olu hlelo lutyetyiswe ngakumbi ngamagosa oPhuhliso lwabaNtwana abaseLula aseGauteng Department of Education nangamaCandelo eKharityhulam yesiGaba esisisiSeko kwinqanaba leziThili nakwinqanaba lamaPhondo. La magosa abe negalelo elikhulu kuyilo lomxholo wezi zixhobo futhi azihlalutya ngokwaneleyo ngeenjongo zokuqinisekisa ukuba zihambelana nemigaqonkqubo yamaphondo, neendlela zawo zokusebenza kwakunye neenqobo zawo zentsulungeko.

## Imibulelo

### Senza umbulelo okhethekileyo:

- KwiCandelo loPhuhliso looTitshala, kwiziKolo eziQukaniselayo neziKhethekileyo, kumaCandelo aseGauteng Department of Education oNxibelelwano nokuFunda ngeKhompyutha ngenkxaso yawo kule projekthi.
- KumaDlelane ethu eSchools Development Unit kwiYunivesithi yaseKapa, abahlulelane bethu kwimathematika kwiProjekthi yokuPhucula uLwimi kwiBanga R – ngokuthi bahambe nathi kolu hambo futhi bafunde kunye nathi.
- KwiMolteno Institute ngokuguqulela izixhobo zale nkqubo ngononophelo kwiilwimi zethu ezisi-8 ezisemthethweni neGauteng Department of Education ngokuqinisekisa umgangatho ophezulu wezixhobo eziguqulelweyo.

### Le nkqubo ingqiyame ngomsebenzi owenziwe nguWordworks ngaphambili kwakunye nemisebenzi yabahlulelane abalandelayo:

- I-Western Cape Education Department ekuqaliswenі kweprojekthi yephondo yeLitheresi esaVelayo (ELIT) ngowama-2015 ukuya kowama-2016 nasemva koko.
- I-Khululeka, i-ITEC, iEarly Inspiration, iRhodes University's Centre for Social Development, iLebone Centre, iK2A Project, iKnysna Education Trust, iUniversity of Cape Town's Schools Development Unit, iPrimary Science Programme kunye neELRU, onke la maqumrhu athathe uxanduva lokusebenzisa le nkqubo ezikolweni nakumaziko eECD kwiMpuma neNtshona Kapa; nabelana nathi ngezinto azifundileyo.
- I-DG Murray Trust, iUSAID, iELMA Foundation kunye neJP Morgan abanikele ngenkxasomali ekuqaleni kophuhliso lwalo msebenzi.

## ★ Ukufunda luhambo …
## Learning is a journey …

Ukufunda luhambo. Kuthatha ixesha nokuzilolonga okuninzi endaweni ekhuselekileyo xa ufunda into entsha. Xa iintsana zifunda ukuhamba, zithatha iinyanga ukuphuhlisa isakhono esifunekayo ukuze zibe nokuzihambela zingancediswa. Zilolonga isakhono ngasinye esitsha ngokuphinda-phindiweyo ngaphambi kokuba zigqithele kwinqanaba elilandelayo elinamandla lokuzihambela zingancediswa.

Cinga ngendlela esithetha ngayo neentsana zethu xa zithatha amanyathelo okuqala okuhamba. Uyayiva indlela emnandi esithetha ngayo xa sikhuthaza abantwana bethu? "Yiza, Thandi. Yiza kumama. Jonga yomelele kangakanani imilenze yakho."

Yiba nombono wale mifanekiso ibonisa umntwana omncinane ekuhambo lokuba ngumfundi nombhali ozimeleyo. Cinga ngazo zonke izakhono kunye nolwazi abaludingayo. Cinga kwakhona ngobungakanani bokuzilolonga abaza kukudinga yonke imihla ukuze bazithembe, bakhululeke kwisakhono ngasinye esitsha.


Singazakha njani iindawo zokufunda apho abantwana bafuna khona inkxaso, ukuqonda nokonwaba ebesinokububonisa ukuba bebeziintsana ezithatha amanyathelo okuqala okuhamba?

*Learning is a journey. It takes time and much practice in a safe space to learn something new. When babies are learning to walk, they take months to develop the skills needed to walk independently. They practise each new skill over and over before they progress to the next level of strength and mobility.*

*Think about how we talk to babies as they take their first steps towards walking. Can you hear how sweetly we speak to encourage our learners? "Come on, Thandi. Come to Mama. Look how strong your legs are getting."*

*Imagine that these pictures show a young learner on the journey to becoming an independent reader and writer. Think of all the skills and new knowledge they need to acquire. Think too of how much practice they will need every day to become confident with each new skill.*

*How can we create learning environments where young learners experience the support, understanding and delight we would express if they were babies taking their first steps?*





Activity Guide Term 3 Cover_XHOSA.indd 2
2021/11/29 10:03